



Inombolo yefayili: 21/2/5/2/BACK ON TRACK

Isalathiso: 20230424-3745

Ingcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye-GET & FET: 0001/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba esiPhakathi, esiPhakamileyo nabe-FET Band, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaCandelo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: IProgram yokuBuyisela iMeko kwezeMfundo kweyeSiqhelo (Back on Track programme) ukomeleza iilwimi neMathematika kumaBakala 4, 7, 8, 10 nele-12

1. Ubhubhane i-COVID-19 ubangele uphazamiseko olungazange lubonwe ngaphambili kwiinkqubo zemfundo zalo lonke ilizwe. Esinye seziphumo zikabhubhane yaba lixesha elincitshisiweyo lokufundisa nokufunda, elibangele ukuphulukana nexesha lokufunda. Iingxelo zelizwe jikelele nezasekuhlaleni ezininzi zakuqinisekisa ukuphulukana nexesha okungamandla neengxaki zoko ngeli xesha. Ezi ngxelo ziquka ezi:
 - *How is the COVID-19 pandemic affecting educational quality in South Africa?, 2020, by Martin Gustafsson and Carol Nuga;*
 - *Western Cape Education Department (WCED) Systemic Diagnostic Report, 2022;*
 - *WCED Systemic Diagnostic Results Report, 2022; kunye*
 - *Ne-Learning losses from COVID-19 in the Western Cape, 2019–2021, by Servaas van der Berg, Ursula Hoadley, Jaamia Galant, Chris van Wyk and Bianca Böhmer of the Research on Socio-Economic Policy Team from Stellenbosch University.*
2. Ukuphelisa ifuthe le-COVID-19 ekufundeni nasekufundiseni, iSebe i-WCED liqalisa iprogram yokubuyisela imeko kweyesiqhelo kwezemfundo yeminyaka emithathu ebizwa i-**Back on Track** programme.
3. KwiSigaba esiPhakathi nesiPhakamileyo le program iya kugxila kwi-Mathematics neelwimi yaye iya kuquka:
 - a) Inkqubo yophuhliso lwezakhono nobuchule bootitshala ethagethe ootitshala abayi-2000 esekelwe kwimodeli eyi-1+9 model), apho ootitshala abakhethiweyo baya kukhutshwa esikolweni kube kanye qho kwiintsuku ezili-10;

- b) Iiprogram zabafundi eziya kuthagetha abafundi abangama-10 000 kumaBakala 4, 7 no-8 yaye ziya kuqhutywa ngeMigqibelo nangexesha leeholide zesikolo ziziiseshoni zoqeqesho olungamandla (*bootcamps*).
4. Iikhrayitheriya zokukhethwa kootitshala nabafundi zasekelwe kwiziphumo zeemvavanyo zenkqubo yezemfundo yeSebe i-WCED zango-2022.
5. KwiCandelo leMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*FET*) le program iya kugxila koku:
- a) KwiBakala 10: Zizikolo ezili-140 zizonke ezikhethelwe ukunikwa inkxaso ejolise kwi-*Mathematics*, *i-Physical Sciences*, *i-Life Sciences*, *i-Accounting*, *i-Business Studies ne-Economics*.
- Ootitshala bezi zikolo baya kuya qho kwiiveki ezimbini kwiiseshoni zophuhliso lwezakhono nobuchule bootitshala i-*Just in Time* kwezi zifundo; nokuba
 - Abafundi abakhethiweyo baya kuya kwiiklasi zangoMgqibelo kwezi zifundo.
- b) KwiBakala 12: Kuya kunikwa inkxaso ejolise kubafundi abadluliselwe kwisigaba esilandelayo nabaneengxaki kwezi zifundo zilandelayo: IsiNgesi uLwimi lweeNkobe (*HL*), isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe (*HL*), *i-Mathematics*, *i-Mathematical Literacy*, *i-Physical Sciences*, *i-Life Sciences*, *i-Accounting*, *i-Business Studies ne-Economics*.
- Ootitshala bezi zikolo baya kuya qho kwiiveki ezimbini kwiiseshoni zophuhliso lwezakhono nobuchule bootitshala i-*Just in Time*, kwezi zifundo;
 - Abafundi abakhethiweyo baya kuya kwiiklasi zangoMgqibelo zezi zifundo; nokuba
 - Abafundi abakhethiweyo baya kuya kwiiklasi ngethuba leeholide zesikolo zasebusika nezasantwasahlobo.
6. Iinqununu zezikolo ezikhethiweyo ziya kuyifumana ingcaciso engaphezulu evela kwii-ofisi zezithili zazo yaye ziya kubizelwa kwiiseshoni zengcaciso.
7. Le program ilungiselelwe ukuqala ngowe-04 Meyi 2023.
8. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okule ngcaciso imfutshane ootitshala beSigaba esiPhakathi, esiPhakamileyo nabe-*FET* abasezikolweni zabo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-05-03